# IZI-GANEKO.

1755 Ukuqala ukuqubisana kwama Xhosa nabeLungu eNxuba (Funda ku J. H. Soga *South Eastern Bantu*).
1779 Imfazwe yokuqala yama Xhosa nabaMhlophe.
1789 Imfazwe yesibini yama Xhosa.
1799 Ukufika kuka Nyengane (J. T. Vanderkemp), owafa ngo 1811. Imfazwe yesithathu yama Xhosa.
1811 Ukuqutyulwa kwe Rini ngama Xhosa, kwimfazwe yesine.
1812 I-Mfecane ka Matiwane, eyaphela ngo 1828.
1815 IziProfitesho zika Ntsikana oNgcwele.
1816 Ukufika kuka Veldyam (J. Williams). Ukuqala komsebenzi wamaWesile.
1818 Idabi lama Linde, kumfazwe yesihlanu yama Xhosa.
1819 U-Makanda (Nxele) eRini. I-Nxuba yaba ngumda nge Treaty noNgqika.
1820 Ukugaleleka kwama Satlani, nokuqala kwawo izikolo (funda *The Story of a Century* by W. Eveleigh). Ukuqala kokufika kwamaMfengu ku Kumkani Hintsa.
1825 Ukufika kuka Bhuluneli (J. Brownlee) eQonce.
1828 Ukufa kuka Tshaka, no Matiwane, no Ngqika.
1829 Imfazwe ka Maqoma nabaTembu.
1834 Imfazwe ka Hintsa, eyaphela ngo 1835 eye sithandathu yama Xhosa. Ukukhululwa kwamakhoboka.
1835 Ukusekwa kwedolophu iQonce. Ukufika kwamaMfengu emQwashwini (Peddie).
1838 Ukufa kuka Dingane.
1841 Ingqakaqa kuma Ntinde. UmGca wokuqala. Ukusekwa kwe Lovedale.
1846 Imfazwe yesixhenxe yama Xhosa, ye Zembe. Ukuzalwa kuka Peter Tyamzashe ozibalule ngokufundisa i Matriculation ezintathu, ne 3rd Year ezi 12 eyedwa kusapho lwakhe nolomkhuluwa wakhe.
1850 Imfazwe ka Mlanjeni, eyaphela ngo 1853, eyeyesibhozo yama Xhosa.
1851 Inyikima.
1854 Ukunikwa kwevoti kubaNtsundu be Koloni (emiselwe ukubhangiswa ngo 1936).
1855 I-Mofu. Ukusekwa kwe St. Matthew's ne Palmerton.
1856 Uno-Gumbhe wokuqala.
1857 U-Nongqawuse. Ukusekwa kwe Healdtown.
1862 Ilanga lika Qilo.
1864 Imfuduko yamaMfengu neyaba Tembu.

**1865** U-Ruxeshe.

**1867** Ukufunyanwa kwe Daimani.

**1868** Ukunikelwa kwelabe Suthu kwi England ngu Mshweshwe.

**1871** Ukufa kuka Tiyo Soga. (Funda incwadi yoBom bakhe).

**1873** Ukufa kuka Maqoma, no Langalibalele.

**1874** UnoGumbhe wesibini.

**1875** Ukusekwa kwe Clarkebury.

**1876** Imfazwe ka Sikhukhuni.

**1877** Imfazwe ka Nchayechibi, eyeyesithoba yama Xhosa.

**1878** Ukuwela kwamaNgqika. Imfazwe yakwa Zulu. Ukufa kuka Sandile. Ukubanjwa nokukhululwa ko Nkosi Kondile Mhala.

**1880** Imfazwe ka Stokwe waba Tembu, neka Mhlontlo wama Mpondomise, neya beSuthu yemipu. I-Matriculation yaqala ukuphunyelelwa ngumntu oNtsundu weli u S. P. Sihlali, walandelwa ngu J. Tengo Jabavu.

**1881** Ukumiswa kweesinala eBhencuti, eZitapile naseCumngce.

**1884** Ukusekwa kwephepha *Imvo Zabantsundu,* nesinala e-Edendale. Ukufa kuka Cetywayo. Ingqakaqa yesibini. U-Manz'abomvu, umBhendeni.

**1885** Indlala yomPhunzisa. Isifo isiTwayi.

**1886** Ukufunyanwa kwegolide eRautini.

**1887** Idabi lika Thung'umlomo (lokunqanda ukuhluthwa kwevoti yabaNtsundu, funda kwincwadi *Life of J. T. Jabavu*). I-Jubhili yokuqala ka Queen Victoria. Ukusekwa kwe-Ngqungqutela, eyaphela ngo 1907.

**1888** Ukuchithwa kwePasi eNgqongqo eKoloni. Ukukhululwa kweenkosi uGonya, noMatanzima, noGungubele.

**1890** Umjikelo we Jubilee Singers zika McAdoo.

**1891** Uwelo lwe choir ka Paul Xiniwe.

**1893** Imfazwe yamaNdebele, nokuchithwa kuka Lobengula.

**1894** I-Glen Grey Act. Ukungeniswa kwelamaMpondo e-Koloni.

**1895** Ihambelo ka Canon Masiza eJerusalem. Imfazwe yama-Shona (Swina).

**1896** Ukuqalwa kwe Ethoipian Church ngo M. Mokone, J. M. Dwane nabanye. Imfazwe ka Jameson namaBhulu.

**1897** Ukusekwa kwephepha *Izwi Labantu,* elayeka ngo 1909. Isifo senkomo uLindipasi. Ijubhili yesibini kaVitoliya. Iintombhi zokuqala eziNtsundu ukuphumelela iMatriculation ngoo Margaret Makiwane (Mrs. S. Majombozi) no Marian Mzimba (Mrs. G. Kakaza).

**1898** Imfazwe yabaHlambheli baka Ralishiwe.

**1899** Imfazwe yamaBhulu, eyayeka ngo 1902.

1900 Ukufa kuka P. Xiniwe umseki wokuqala wekhaya nevenkile eQonce.

1901 Ukufa kuka Vitoliya. Ukuqalwa kwecebo le Victoria Memorial College, elaphela ngo 1911. U-Bhubhani (Bubonic Plague). Ukubuya kuka Charlotte Manye (Mrs. Maxeke) e Amerika ene B.Sc. yelozwe.

1902 Uhambhelo luka Joseph Chamberlain. Ukusekwa kwesinala eNdaleni.

1903 I-*Kaffir Scholar's Companion* incwadi yeziganeko ka I. Bud Mbhelle.

1904 Ukufika kwama Tshayina emigodini eRautini, awemka ngo 1906.

1905 Uwelo luka W. B. Rubusana. Ukufa kuka Sigcau no Lerothodi. Ingqungquthela yokuqala yecebo lokudala u Nokoleji e Fort Hare.

1906 Imfazwe ka Bambata. Impumelelo ka I. Bud-Mbelle kwimviwo ze Civil Service Law.

1907 Isikhumbhuzo saba Mbho samiswa ngu Veldtman Bikitsha

1909 Uwelo lwabathunywa bokuchasa i Colour Bar, oo Rubusana, Jabavu, Dwanya, Mapikela, Dube no Plaatje. Ukusekwa kwesikhumbhuzo sika Ntsikana, ne S. A. National Convention eBloemfontein.

1910 UmGca (Comet) ka Halley. Umdibaniso we S. A. Union. Uwelo luka Nkosi Dalindyebo. Ungeno luka W. B. Rubusana kwi Provincial Council. Ukufa kuka King Edward VII no Veldtman Bikitsha.

1911 Uwelo luka J. T. Jabavu nge " Universal Races Congress." Ukufa kuka P. J. Mzimba (funda incwadi *U-Bom buka Mzimba*).

1912 Ukusekwa kwe African National Congress ngu P. I. Seme, yonganyelwe ngu J. L. Dube. Ukuphumelela kuka D. D. T. Jabavu kwi B.A. London (Honours). Ukuvela kwephepha u *Abantu-Batho*, elayeka ngo 1931.

1913 Umthetho we " Lands Act." Isidubantini (strike) sase Rautini.

1914 Intlekele yamaJamani (Great War) eyayeka ngo 1918. Ukuvela kwe *Tyala lama Wele* incwadi ka S. E. R. Mqhayi.

1916 Ukusungulwa kuka Nokoleji, nesinala yaseMfundisweni. Incwadi ka T. B. Soga *Intlalo ka Xosa*.

1917 IsiHohela seMendi, inqanawa eyatshona namawethu angama 615.

1918 Ukuvulwa kweemanyano zabalimi ngu J. E. East no D. D. T. Jabavu. U Griffiths Motsieloa waphumelela i A.T.C.L. ye Music. Um-Dlathu, isibetho (" Spanish Influenza ").

**1919** Ukusekwa kwe Bantu Union ne I.C.U. Isivukavuka (strike) sabaNtsundu e Bloemfontein. I Cape Native Education Commission ekwaqala ngayo ukubakho kwamalungu aNtsundu kwi Commission.

**1920** Umthetho we Native Affairs Act. Izitrayika eBhayi, e-Dikeni, nase Rautini (funda i *Black Problem* ka D. D. T. Jabavu). Ukuqalwa kwephepha *Umteteli wa Bantu* li-Qumru lemiGodi. Ukudutyulwa kwama Sirayeli eNtab' elanga. Ukufa kuka Dalindyebo. Ukusekwa kwentlanganiso yeenkosi zama Rarabe.

**1921** Uhambhelo luka J. E. K. Aggrey (funda *The Life of Aggrey*). Ukusekwa kwe Cape African Teachers' Association ne S.A. Native Teachers' Federation. Ukufa kuka J. T. Jabavu neenkosi o Gwebinkumbi no Marelane.

**1922** Ukufa kuka J. K. Bokwe (funda incwadi yoBom bakhe). Ukuqalwa kwe Government Native Conference, eyabhanga ngo 1926, yenza ivamhla ngo 1930, kwaphela. Imfazwe yama Bholani, nesixovuxovu (strike) saseRautini.

**1923** Impumeleli zokuqala zika Nokoleji u Z. K. Matthews kwi B.A. no E. M. Ncwana (Licentiate in Arts, Fort Hare). U Joseph Ngqase waagqiba ama 4,000 emayile ukuhambha ngenyawo eqhuba iVangeli e Dordrecht. Isinala yase Lesseyton yaafuduselwa e Fort Hare. I-Winter School enkulu e Lovedale eyayiwa ngama 323 abantu. Ukufa kuka Khama ikumkani yabeTswana. I European-Bantu Conference (eyaphinda ngoo 1924, 1926, 1929, 1933). U-Nkosi S. F. Zibi waangena kwa Kayakulu (funda *U-Kayakulu*). Ukusekwa kwe " Bantu Presbyterian Church." Umthetho i Urban Areas Act.

**1924** Ukungena kuka Hertzog embusweni. Ukusekwa kwe Cape Native Voters' Convention ngu D. D. T. Jabavu, yonganyelwa ngu Rev. E. Mdolomba. Ukufa kuka Alfred Mangena, igqwetha lokuqala eliNtsundu kweli. Ukuqalwa kwe Native Advisory Boards Congress yimigudu ka Alexander M. Jabavu.

**1925** Uhambhelo luka Zweliyazuza (Prince of Wales). Ukufa kuka Ngcubu Poswayo, igqwetha lase Ngcobo. E. Smithfield nge 13 Dec. u Hertzog wavakalisa ukuzimisela kwakhe ukuyibulala ivoti yabaNtsundu.

**1926** Umthetho we Colour Bar waphunyezwa ePalamente. Ukulahlwa kwee Native Bills zika Hertzog yi Komfa yabaNtsundu ePretoria. Ukumiselwa kwe Statute of Westminster.

**1927** Umthetho we Native Administration Act owamisela inkundla yeziBheno, neyoQhawulo-mitshato. U-Kumkani Victor Poto wanikwa amagunya okugweba amatyala

ngokupheleleyo, waba yinkosi yokuqala ethenjwe kangako nguRulumente. Kumangqina e Select Committee on Native Bills kwabizwa nabantu abamnyama oo C. K. Sakwe, E. Qamata, W. Mlandu, R. E. S. Thema, W. Kumalo, Z. R. Mahabane, D. D. T. Jabavu, M. Pelem, W. B. Rubusana, no A. Mtimkulu. Funda incwadi ka Rulumente. Imbhalela enkulu yelanga.

**1928** Ukuvela kwencwadi ka J. H. Soga i *South Eastern Bantu* eyiyeyona ixatyisiweyo ngembhali yabaNtu. Ukufa kuka E. Makiwane. Uhambhelo luka D. D. T. Jabavu e-Jerusalem nase Jipete. (Funda i *Jerusalem*).

**1929** Idabi lokunqanda ukuhluthwa kwee Tayitile (nge Native Administration Act), elatsho zasinda. Impumelelo ka K. Motsete kwi B.D. ne M.A. (London).

**1930** Isigwebo seejaji zaseRini esachitha i Treaty yamaMfengu. Ukuqaleka kwembhandezelo enkulu ye " Lahle " (Depression). Ukufa kuka J. Henderson wase Lovedale emva kweKomfa yabaMhlophe nabaNtsundu yokuvulwa kwe Christian Union hall e Fort Hare. (Funda incwadi yayo). Ukuphumelela kuka Z. K. Matthews kwi LL.B. Ukusekwa kwe ntlanganiso yeenkosi e Transkei.

**1931** Ukuvela kwencwadi ka T. D. M. Skota i *Yearly Register*. Umdibaniso wama Wesile nama Methodist. U Donald G. S. Mtimkulu waba ngumntu wokuqala ukuzuza i M.A. (South Africa). Umdibano weBhunga lase Transkei nelamaMpondo nothweso lwamagunya olawulo. Uwelo luka R. T. Caluza ingcibi yengoma, esiya kufundela kwa ingoma e America. Uwelo luka D. D. T. Jabavu esiya e New York. (Funda *E-Amerika*).

**1932** Ukusekwa kwephepha i *Bantu World* (abahleli ngoo R. V. S. Thema no G. B. Sinxo). Ukufa kuka S. T. Plaatje nokuka H. K. Ndobe igora nongcakaza wedabi leTayitile.

**1933** Ukufa kuka Solomon ikumkani yamaZulu, no Ngangomhlaba ikumkani yama Xhosa onke.

**1934** Uhambhelo luka Ngangendlovu (Prince George). Ukusekwa kwe Ciskei General Council. Ukufika kuka R. T. Bokwe, M.B., Ch.B., igqira lokuqala kwa Ngqika, njengoko u M. Mahlangeni, L.R.C.S., L.R.C.P., M.D., elelokuqala eMbho, no A. B. Xuma, M.D., L.R.C.P., L.R.C.S., ebaTenjini. Ukudalwa kwamaqela e Coalition, Fusion ne Dominion ePalamente. I Diamond Jubilee ye *Mvo*.

**1935** I-Silver Jubilee ka George V. Ukuzala kweminyaka elikhulu yokusekwa kwe Qonce, nokufika kwama Mfengu eNgqushwa nezikhumbhuzo zezoziganeko zozibini. Ukunikezelwa kwentonga ka Sandile ku Velile.

Oluludwe lungentla lwe ziganeko luqokelelwe ngenxa yokuba baninzi abangayaziyo iminyaka esithabathela kuyo thina maXhosa ukuqondisa ubudala babantu nezinto ; baninzi abangazikhathaziyo ukuwafunda amabali ezigigaba namanyathelo enqubelaphambili afanelwe kukwaziwa nguye wonke ozidlayo ngobu Afrika ; ininzi impikiswano ethi ingalamleki kuba azaziwa incwadi ezinencazelo, phofu ziininzi zona incwadi ekufuneka zaziwe, zafundwa. Eli linga ke lelokunceda abathetha isiXhosa. Ubuncinane obu bubangwa buncinane bemali ebantwini, kanti ibingumnqweno wethu ukuba livuselele ukuphandwa kolwazi, nokulungiswa kweziphene ezilahlekisayo kwincwadi ezikhoyo, ezibangele intiyano kwinzala ka Ntu. Lifikile namhla ixesha lokuba sifundisane ukuqondana nokuthandana thina ndlu emnyama, khona ze sikwazi ukuqondana nezinye izizwe.

Ezikhankanyiweyo apha incwadi zofunyanwa ngokubhalela ku Manager, Bookstore, Lovedale, apho lufunyanwa khona uluhlu olufezekileyo lwee ncwadi zesiXhosa kunye namaxabiso azo. Zininzi incwadi kwa nababhali esibashiyileyo ngenxa yokunqaba kwendawo.

April, 1935. D. D. T. JABAVU.

---

Lushicilelo lwesibini olu. Kwenziwe iinguqunguqulwana ezimbalwa. Baninzi abacebisa ukuba kuzanywe enye incwadi echaza iziganeko ezi ngokuzeleyo. Sobona phambhili ke.

August, 1935. D. D. T. J.

Ezinye iincwadi ezibhalwe ngu D. D. T. JABAVU, zezi :—

**Native Disabilities in South Africa 1s., postage 2d.**

**E-Amerika, 1s., postage 2d.**

**Native Taxation 4d., post free.**

**Irafu zaba Ntu 4d., post free.**

**U-Kayakulu 10d., post free.**

**E-Jerusalem 2s. 6d., postage 3d.**

**Life of John Tengo Jabavu 4s. 10d ; 6s. 10d., post free.**

**Incwadi yaba Limi 1s. 8d., post free.**

**The Black Problem 2s. 6d., postage 3d.**

**I-Bali lama Mfengu 3s. 3d. ; 4s. 9d., post free.**

Zonke zitengwa ku
Manager,
Book Department,
P.O. Lovedale, C.P.